



UKUXHAMLISA EZENDALO KWAYE IXHASA ULUNTU IWASEKUHLALENI

Iphetshana leendaba kweyoMsintsi 2019



BAXHOTYISWE UKUZE BADLALE FUTHI BAFUNDE

Amaziko oPhuhliso lweMfundo yooNomngqushwana (Early Childhood Development) ayaxhotyiswa ngezixhobo zokudlala, ukuze abeziindawo ezikhuselekileyo nezivuselelayo kubantwana abancinane ngokuyinxalenye neNkqubo yoPhuhliso lweMfundo yooNomngqushwana yeFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay (Jeffreys Bay Wind Farm).

Le Nkqubo ikwaquka uqeqesho lwabahlohi, iinkqubo zokuxhobisa ngolwazi (mentoring), ulawulo nokuthobela imithetho ye-ECD (uphuhliso lwemfundo yoonomngqushwana), izakhiwo neziseko [infrastructure], kwanokunikeza izixhobo zokusebenza kwanezo

"Sikholelwa ukuba izixhobo zokudlala yeyona ndima ebalulekileyo kakhulu kuphuhliso lomntwana ngokwendalo. Ukudlala ngaphandle kukhuthaza ukusombulula iingxaki ngendlela enobuchule, ukuxubana nabanye abantu, kwaye yinto eyonwabeleka kakhulu."



UMDLALO KANOMATHOTHOLO WABELANA NGOBULUMKO KWEZEZIMALI

"Sasifuna ukwenza umahluko nokuba mncinane, kodwa sasingazange sayiphupha eyokuba sakuze sizuze oku sikuzuze kwiminyaka yethu yokuqala elishumi elinanye," utshilo uJill Thompson, uMlawuli weMpendulo Savings.

Indibaniselwano yezokonga ebizwa iMpendulo Savings, ngokubambisana neziko loshicilelo iBooyaka Recording Studio, isungule umdlalo wayo kanomathotholo obizwa, xa utolikwa, 'Hlakanipha ngokweMali okanye uNg'abaladule' [Be Money Wise or Go Mad]. Ngokusekezelwa kwiimeko ezenzekileyo ngokuyinyani ebomini, lo mdlalo ujolise ekufumaneni ubulumko ngokwezimali ngokwendlela ehlahlambisa futhi eqondeka lula kubaphulaphuli.

Ngokwenxaso esuka kwiFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay, lo mbutho osebenza ngokungajonganga nzuzo (NPO) ukwazile ukufikelela kuluntu oluthe xhaxhe, wamisela inkqubo yemfundiso ngokwezimali waphinda walungisa kakuhle iinkonzo zayo zoqeqesho nokuxhobisa ngolwazi.

Lo mbutho ungajonganga nzuzo (NPO) wasungulwa ngonyaka ka2008 kwaye ufikelela eHumansdorp, Thornhill, Hankey, Patensie kwanaseKareedouw naseGuava Juice kumasipala waseKoukamma, uqinisa ukunyamezela ngokwezoqoqosho kwiintsapho ezidandathekileyo kwanamalungu oluntu ahlelekileyo ubaxhobisa ngokwamaqela okonga imali kwanoqeqesho lwezakhono lwezizimali.



www.facebook.com/JBayWindFarm



[#JBayWindFarm](https://twitter.com/JBayWindFarm)



www.jeffreysbaywindfarm.co.za





WAMKELEKILE KWIGOSA LETHU ELIPHEZULU LOPHUHLISO LWEZOQOQOSHO



U-Anna Letsoalo uthu wamkelwa kwiqela leFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay njengeGosa eliPhezulu loPhuhliso lwezoQoqosho.

Indima yakhe kukujonga ukumiliselwa koshishino neprojekthi yentlalo noqoqosho, eyenzelwe ukuxhamlisa uluntu olungqonge iFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay.

“Ndiyakuthanda ukusebenza nabantu abohlukeneyo abaphuma kuluntu olohlukeneyo, amasebe karhulumente kwaneminye imibutho. Yinto endiyithandayo ukwenza ifuthe elincedo eluntwini.”



IZIKO LENTUTHUZELO NGOKOMPHEFUMLO LASE-JBAY LIFUMENE INKXASO-MALI

Ifama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay iyiqinisekile kwakhona inkxaso yayo kwiziko lase-JBay lenkxaso yabafuna intuthuzelo ngokomphefumlo (**JBay Trauma Support Centre**), elithe gqolo ngokunikeza simahla intuthuzelo kumakhoba enkxwaleko aseJeffreys Bay kwinto engaphaya kweminyaka elishumi elinesithathu.



“Akuphelelanga nje kwiinzame zethu zokunceda amakhoba enkxwaleko kuloluleko nasekuphileni kwiinzingo zawo, koko siyabandakanyeka ekuxhaseni nasekufundiseni abantwana besikolo. Enye yeenjongo zethu siluluntu kukunceda ukuphelisa ukuthula ngethuba ubani exhatshazwa, ukukhuthaza uluntu ukuba lusebenze futhi lusombulule iingxaki zalo ngokubambisana, ukusiphula neengcambu udushe kwanokuxhatshazwa,” uManejala, uMaryke Pretorius, ingcaphephe kunyango lomothuko kwiziko lase-JBay lenkxaso yabafuna intuthuzelo ngokomphefumlo.



KWAKHIWA ISISEKO SEZIBALO ESILUQILIMA

OoTitshala, iiNtloko zamaSebe kwanabaNcedisi beZibalo bathe bazimasa Imbizo yezeZibalo (Numeracy Imbizo), ethe yaxoxa ngemiba ebalulekileyo yezibalo kwezemfundo, ngokuyinxalenye yeNkqubo yezeZibalo yeFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yaseJeffreys Bay.

Le mfundiswano okanye ucweyo ithe yanqwabulula izinto ezibalulekileyo ezifunwa ngabafundi ukuze baqonde kakuhle 'Izibalo ngokweNgqondo [Mental Mathematics]' kuquka kwaneendlela abantwana abanokuthi bazenze ukuze babenomdla futhi baqonde esi sifundo.



“Into esiyikhokelisayo kukufaka umntwana phakathi kwindlela esiceba nesicinga ngayo, nto leyo ekhuthaza ootitshala ukuze banike abantwana amathuba amaninzi okumilisele indlela yokucinga ngokwezibalo,” utshilo uCarol Warmberg, uMlawuli Jikelele, kwa-ITEC, abanikezi nkonzo abajongene nale nkqubo yezibalo.

